

Ilizwi lakho. Uluntu lwakho. Amandla akho

UTHOTHO LWEENCWADANA ZORHULUMENTE BEENGINGQI



liKomiti zeeWadi

WARD COMMITTEES



Le ncwadana ibonelela ngengcaciso emalunga noorhulumente beengingqi eMzantsi Afrika. Oomasipala babaluleke kakhulu kwaye babonelela ngeenkonziso ezisenza ukuba siphile ubomi obundilisekileyo nobunempilo.



likomiti zeewadi zenzelwa ukuba zibe yindawo yokuba abantu balawule koomasipala. Iikomiti zeewadi kufuneka zizazi iingxaki, izicwangciso namaqela alungelelanisiweyo eluntwini zize zikhuthaze intathoxaxheba kwimiba echaphazela iwadi leyo. Ziyibhlorho ebalulekileyo yokuba ooceba babe nofikelelo kuluntu, nokuba uluntu lube nako ukuvakalisa iinkxalabo zalo okanye iingcebiso zalo rhoqo kwaye lufumane iimpendulo malunga nemiba eziingxaki. Iikomiti zeewadi kufuneka zimele iimfuno zoluntu kwaye azikhokelwa nguwo nawuphi na umbutho wezopolitiko.

Indlela ezisebenza ngayo iikomiti zeewadi

Ezinye zeempawu eziqhelekileyo kwiikomiti zeewadi koomasipala jikelele zezi:

- Iikomiti yewadi kufuneka yenziwe **ngamalungu aya kufikelela kwali10** asebenza njengamavolontiya ukucebisa uceba wewadi.
- Amalungu anokumela **amacandelo athile kunye/okanye nemimandla yemihlaba eyahlukahlukeneyo** ngaphakathi kwiwadi leyo.
- Yena **uceba wewadi usebenza njengosihlalo wekomiti yewadi leyo** kwaye kufuneka abize iintlanganiso rhoqo.
- Iikomiti zeewadi zimela **iimfuno zoluntu ezahlukahlukeneyo**; zinceza ekuqokeleleni izimvo nasekubekeni iliso kwinkqubela phambili yoko kubekwa phambili kwiiwadi ngaphakathi kumasipala lowo.
- Iikomiti zeewadi **zisisiseko sentathoxaxheba yoluntu** koomasipala, ingakumbi ngokuphathelele nenkqubo yesicwangciso sophuhliso esihlangeneyo (IDP).
- Amalungu eekomiti zeewadi **ayabuyekwezwa ngeendleko 'eziphuma kuwo ezipokothweni'** (umvuzo) ezifana neendleko zokuhamba okanye eze-ethayim/ezedatha.
- **Ibhunga linamandla okuyibhangisa iikomiti yeewadi** ukuba ayisebenzi kakuhle.
- **Usohlomo kufuneka aqinisekise ukuba iikomiti zeewadi zenza imisebenzi yazo** ngokusebenzayo.

Ibhunga likamasipala ngalinye linamandla okuthatha izigqibo malunga noku kulandelayo:

- **Indlela anyulwa ngayo amalungu eekomiti zeewadi.** Ibhunga lingakhetha ukuba amalungu ekomiti yewadi anyulwa ngevoti eyimfihlo (apho ivoti yomvoti iyimfihlo yakhe yedwa) okanye ngokuphakanyiswa kwezandla. Imigaqo eyenziwa libhunga kufuneka iqinisekise ukuba amalungu ayawaquka amanina namaqela ahlelelekileyo.
- **Indlela ekufuneka zisebenze ngayo iikomiti zeewadi.** Umzekelo, ukuba kufuneka zidibene kangaphi. Amanye amabhunga oomasipala anoMgaqonkqubo weKomiti yeWadi nemigaqo exela uxanduva lukaceba wewadi njengosihlalo wekomiti yewadi leyo. Ezo zinto kulindeleke ukuba zifumaneke kwiwebhusayithi kamasipala, okanye kunokuyiwa kumagosa asuka kwiofisi kasomlomo ukuze kufunyanwe iikopi.
- **Izizathu zokuba ilungu lekomiti yewadi lisuswe kwikomiti yewadi leyo.** Imigaqo yekomiti yewadi kamasipala ngamnye inekqubo emiselekileyo yokususwa kwelungu, nenokuthi ibandakanye ukuhlolwa nguceba wewadi, ngusomlomo, okanye yikomiti kamasipala efanelekileyo. Uluntu kufuneka nalo lubandakanywe.



Ukuxhasa iikomiti zeewadi

Ooceba beewadi neofisi kasomlomo kufuneka bakhuthaze kwaye baxhase iikomiti zeewadi ngokusebenzisa:

- **Izixhobo nemithombo:** Iikomiti zeewadi zidinga inkxaso ukuze zenze imisebenzi yazo kakuhle. Oku kuquka ukuqinisekisa ukuba 'zinezixhobo zomsebenzi' ezidingekayo ukuze zenze umsebenzi, kwaye kufuneka zibe nalo noqeqesho oluqhubekekayo neenkqubo zoxhotyiso ukuze ziphucule izakhono zazo.
- **Uqeqesho noxhotyiso:** Amalungu eekomiti zeewadi kufuneka abe noqeqesho noxhotyiso oluqhubekekayo ukuze aphuhlise ulwazi nezakhono zawo.
- **Ukunika iingxelo:** Ooceba beewadi neofisi kasomlomo kufuneka baqinisekise ukuba ayathathwa amanyathelo malunga noko kukwiingxelo zeekomiti zeewadi zarhoqo ngenyanga kumasipala kwanokuba kuyakhawulelwana neengxaki zoluntu. Iingxelo zeekomiti zeewadi kufuneka zibe yinto engummiselo kwiajenda yeentlanganiso zekomiti nebhunga. Oku kufuneka kube kwikhontrakthi yokusebenza komphathi kamasipala.
- **Iintlanganiso:** Ooceba beewadi kufuneka babambe iintlanganiso zeekomiti zeewadi rhoqo, kanye ubuncinane ngenyanga (ezivulelekileyo ukuba zingazinyaswa luluntu). Kufuneka kananjalo kubekho iintlanganiso zoluntu lweewadi rhoqo ukuze kunikwe iingxelo malunga nokusebenza kukamasipala (kanye ubuncinane ngekota).
- **Ufikelelo kwiingcaciso:** Ooceba kufuneka baqinisekise ukuba iikomiti zeewadi zinothethelelo kwiingcaciso ezifunekayo ukuze zibeke iliso kwaye ziqinisekise ukuba umasipala uhambisa iinkonzo eluntwini.
- **Ukubeka iliso kwiiprojekthi:** Amalungu eekomiti zeewadi anganceda ekubekweni kweliso kwiiprojekthi ezahlukeneyo ezenzeka kwiiwadi zawo, kwaye aqinisekise unxibelelwano nokuziswa kweengxelo ezintsha phakathi kukamasipala noluntu.
- **Imivuzo:** Imivuzo eyaneleyo kufuneka ihlawulwe iphelele kwaye ngexesha elifanelekileyo kwinyanga nganye kwiikomiti zeewadi.



Ward committee meetings should be open to the public. Citizens should insist that ward committees discuss issues important to the community!

Uluhlu lokuhlola iikomiti zeewadi ezisebenzayo

	EWE	HAYI
Umiselo: likomiti zeewadi zimiselwe kuzo zonke iiwadi.		
Ukumelwa: likomiti zeewadi zimelwa ngokokwahlukahlukana kwewadi nganye (ngokwemihlaba nangokwamacandelo).		
Uqeqesho lokungeniswa: Umasipala ubonelela ngoqeqesho lokungeniswa oluluncedo kumalungu eekomiti zeewadi amatsha.		
Iindima namaxanduva: likomiti zeewadi zizakheko ezisebenza ngenkuthalo ezixhasa ucwangciso olusekelwe kuluntu kwaye zithathela ingqalelo izidingo neemfuno zoluntu. Izicwangciso zeewadi ziphuhliswa ngokuthethathethana noluntu nabachaphazelekayo abaphambili.		
Umvuzo: Amalungu eekomiti zeewadi ahlawulwa imivuzo yawo iphelele kwaye ngexesha elifanelekileyo kwinyanga nganye.		
Iimithombo nenkxaso: Amalungu eekomiti zeewadi abonelelwa ngemithombo yoncedo nenkxaso eyimfuneko ukuze enze imisebenzi yawo eluntwini, kuquka neendlela zochongo (ukuze abonakale eluntwini).		
Iintlanganiso zewadi: Iintlanganiso zewadi kunye noceba wewadi namalungu ekomiti yewadi ziyabanjwa rhoqo ngenyanga.		
Iintlanganiso zoluntu kwiiwadi: Iintlanganiso zoluntu ziyabanjwa kwiiwadi rhoqo (kanye ubuncinane ngekota), kwakunye neentlanganiso zezitrato neebhloko apho kufanelekileyo khona.		
Iindima kasihlalo: Kukho ubudlelwane bokusebenza obuhle phakathi kukaceba wewadi namalungu ekomiti yewadi.		
Ukunika iingxelo: Iingxelo zeekomiti zeewadi zarhoqo ngenyanga ziqulunqwa ngokufanelekileyo kwiofisi kasomlomo zize zifakwe kwiiyajenda zekomiti nebhunga ukuze kuxoxwe ngazo kwaye kuthathwe amanyathelo ngazo.		
Uqeqesho nophuhliso lwezakhono: Umasipala ubonelela ngoqeqesho nophuhliso lwezakhono oluqhubekayo kumalungu eekomiti zeewadi ebudeni bexesha lawo lokuba seofisini (uqeqesho lokuhlaziya).		

EMAKWENZIWE XA IKOMITI ZEEWADI ZINGASEBENZI

Ukuba uluntu oyinxalenye yalo lukhe lwazama ukuthethana noceba wewadi nekomiti yewadi, kodwa akwabikho mpendulo, zikhona izinto ezimbalwa eninokuzenza.

1. Ngenisani isikhalazo okanye isibongozo

- Isikhalazo singangeniswa kwiofisi kasomlomo malunga nendlela yokusebenza kwekomiti yewadi namalungu ayo. Isikhalazo siba namandla ngakumbi ukuba sibonakalisa indlela abathe abalandela ngayo imigaqo, ngoko ke ukuyibhala phantsi ingxaki kungaba luncedo.
- Isibongozo singafakwa kwibhunga likamasipala silicele ukuba lithathe amanyathelo.
- Umasipala angathatha isigqibo ukusukela apho sokuba aligxothe ilungu lekomiti yewadi okanye ayibhangise ikomiti yewadi leyo, ngokusekelwe kwimigaqo yakhe.

2. Qinisekisini ukuba iikomiti zeewadi zakwixesha elizayo zinokuphendula nangakumbi

Iindlela ezinyulwa ngayo iikomiti zeewadi iyayichaphazela indlela ezenza ngayo kwixesha elizayo, kwaye kubalulekile ukuba umasipala aqulunqe imigaqo yonyulo lweekomiti zeewadi elusebenzela ngcono uluntu.

Umzekelo, ukuvota ngokuyimfihlo kungenza ukuba abantu bakhululeke nangakumbi ekukhetheni abantu ababafunayo.

3. Thethani malunga nokuba ngubani emakatyunjwe njengelungu lekomiti yewadi

Uluntu kufuneka luxoxe kwaye lukhethe abantu abafanelekileyo kwiwadi leyo abanokutyunjwa ukuba babe ngamalungu ekomiti yewadi kunyulo lwakwixesha elizayo.



Ngelishwa, iikomiti zeewadi eziliqela azinantsebenzo, zisebenza okwamalungu ombutho wezopolitiko kaceba, okanye bathinjwe ngabantu abangohlohla esabo. Ezinye iikomiti zewadi zohlulwa kukungazi inxaxheba kunye namanyathelo ekumele bawathathe, ngoko badinga imfundiso nenkxaso kumasipala. Masenze utshintsho!

ISIBHAMBATHISO ESEZIWA NGAMALUNGU EKOMITI YEWADI

Onke amalungu ekomiti yewadi kufuneka athi ekunyulweni kwawo atyikitye isibhambathiso esilapha ngezantsi, ukuze abonakalise ukuzibophelela kwawo kwiwadi yekomiti leyo anyulelwe kuyo. Oku kufuneka kwenziwe ngohlobo lwesifungo esenziwa lilungu ngalinye lekomiti yewadi. Esi sibhambathiso sifundeka ngolu hlobo lulandelayo:

Mna-.....ndibhengeza ngokunyaniseka ukuba:

Mna osuka kwiwadi ndiyafunga ukuba ndiya kuhambela phambili kwaye ndisebenzele iimfuno zoluntu lwakwiWadi engoNomobolo.....,kumasipala wase.....

Ndiyaqinisekisa ukuba ndihlala kummandla ophantsi kolawulo lukaMasipala wase....., kwaye ndingummi ozinikeleyo nomvoti obhalisiweyo woluntu lwakwiWadi enguNombolo:

Ngaphezu koko ndibhengeza ukuba ndiye ndayifunda ndaza ndayiqonda ikhowudi yokuziphatha kwamalungu ekomiti yewadi njengoko ixhotyiswe sisibonelelo soMthetho kaRhulumente weNgingqi: AmaSebe oMasipala, sango1998, isiKhokelo sikaZwelonke: IMilinganiselo yokuMisela iiNdeleko zokuziPhilisa amaLungu eKomiti yeWadi, sango2009, nazo zonke izikhokelo ezifanelekileyo kwakunye neMithetho yeNkqubo kaMasipala wase Ndiye ndayifundisa le khowudi yokuziphatha ndingaphazanyiswanga kwaye ndikhululekile, kwaye andinakubanga ukuba ndinento endingayaziyo ngayo.

Ndivuma ngokupheleleyo ukuba ndiya kubotshelwa yile Khowudi yokuziPhatha ekwenzeni iimfanelo nemisebenzi yam njengelungu elithembakeleyo neliqeqeshekileyo leKomiti yeWadi. Ngaphezu koko ndiyakuvuma ukuba ukubuyezwa kwam ngeendleko eziphuma kum epokothweni (ukuba oko kuyenziwa kumasipala wam) kuxhomekeke ekubeni mna ndifezekise iimfanelo zam njengoko zichaziwe apha ngentla.

Kutyikitywe.....e..... ngalo mhla wenyanga..... kunyaka ka.....

Inggina loku1:

Igama:..... Tyikitya: Umhla:.....

Inggina lesi2:

Igama:..... Tyikitya: Umhla:.....

ABameli abaNyulwe liBhunga likaMasipala

IGama likaCeba weWadi: Tyikitya:..... Umhla:.....

SALGA has published a Code of Conduct for Ward Committee Members. Although it is not legally binding, it sets out the principles a ward committee must follow. It also provides a pledge which ward committee members can sign.

MY MUNICIPALITY
compact
PARTICIPATE
PLAN
ACCOUNT



Co-funded by
the European Union

IWebhusayithi: <https://pari.org.za/compact>

KuTwitter: @Compact_MyMunic

KuFacebook: Compact – My Municipality

I-imeyili: Girish Daya: girishd@pari.org.za

Winnie Manganye: wmanganye@salga.org.za